


ingaba unomdla kwezempilo kunye nentlalo- ntle yabanye?

Ezonyango ingaba likhondo
lomsebenzi kuwe



**Fumana iinkcukacha ezithe vetshe
malunga nesidanga seminyaka
emi-6 se-MBChB**

**Tsalela umnxeba ku: 021 406 6634
imeyile: fhs-ug-admiss@uct.ac.za**

UMzantsi Afrika udinga oogqirha abongezelelekileyo. Yenza umahluko kwimpilo yeziguli kunye noluntu lwazo. Ukusebenza kwimeko enemingeni, uvelwano lwabanye, uhlalutyo olunzulu, izakhono zokuziphatha nezokuphatha uluntu, kunye nokukwazi ukusebenza ngokwamaqela, oku kuza kwenza kube ngumsebenzi onomvuzo nophumelelyo.

UKHETHO LWEKHONDO LOMSEBENZI

Sebenza kwisibhedlele sikaRhulumente okanye kwesabucala okanye kwikliniki yasekuhlaleni, kwishishini, okanye ujoyine okanye uzisebenzele bucala. Funda kwamanye amacandelo obungcali angama-30, ezifana nobunzululwazi ngabantwana, inzululwazi ngezotyando, kunye nemfundo ngonyango lwezilonda ezikhulu (Oncology). Amanye amakhondo aquka ukusebenza ngoqoqosho kwezempilo, ulawulo kwezemidlalo, okanye unyango okanye uphando olwenziwa kwilebhu.




UNIVERSITY OF CAPE TOWN
IYUNIVESITHI YASEKAPA • UNIVERSITEIT VAN KAAPSTAD



FACULTY OF HEALTH SCIENCES
UNIVERSITY OF CAPE TOWN

unomdla wokunceda abantu baphinde basebenze ngokwasemzimbeni?

I-Physiotherapy (izifundo ngokolula
amalungu omzimba) ingaba likhondo lomsebenzi kuwe



**Fumana iinkcukacha ezithe vetshe
malunga nesidanga seminyaka emi-4
se-BSC kwi-Physiotherapy**

**Tsalela umnxeba ku: 021 406 6634
imeyile: fhs-ug-admiss@uct.ac.za**

Uza kufunda ngentshukumo
nokusebenza komntu ukuze abe
nempilo kunye nentlalo-ntle.

Dlala indima ekuphuculeni
umgangatho wempilo kwabo
bazifumana bengenako ukusebenza
kakuhle kunye/okanye bathintelekayo
ekuthatheni inxaxheba.

Uncedo lokubuyisela esimeni
nokuvuselela ukusebenza nokuthatha
inxaxheba kumntu ngamnye.

Ukukhuthaza impilo yabaxhasi kunye
neyoluntu ngokubanzi.

UKHETHO LWEKHONDO LOMSEBENZI

Sebenza esibhedlele, kumaziko
ezempilo, ezikolweni, amaziko okonga
abantu abadala, imibutho yezemidlalo
kunye nakwimisebenzi yabucala.

Sebenza kwiziko lemfundo
ephakamileyo – imfundo eqhubela-
phambili, ukufundisa kweli khondo
kunye nokwenza.



UNIVERSITY OF CAPE TOWN
IYUNIVESITHI YASEKAPA • UNIVERSITEIT VAN KAAPSTAD



FACULTY OF HEALTH SCIENCES
UNIVERSITY OF CAPE TOWN

unomdla ekuncedeni abo baneengxaki ezinxulumene nokuva?

I-Audiology (izufundo ngokunxulumene
nokuva) ingaba likhondo lomsebenzi kuwe




Eli khondo lisebenza ngovavanyo kunye nolawulo lokuva, ukulahlekelwa kukuva, iingxaki ezinxulumene nendlebe. Ekukhuthazeni impilo-ntle ngokwasezindlebeni kwanemikhwa yokuva, kunye nokuthintela okanye ukuthomalalisa ukhubazeko ngenxa yokulahlekelwa kukuva okanye iingxaki zokulinganisela, uza: Kwenza uxilongo lweendlebe, ubonelele ngeenkonzovo uselelo kwabo banokulahlekelwa kukuva, ukubonisana ngokulahlekelwa kukuva okubangelwe yingxolo, ukuphuhlisa iinkqubo zokulondoloza iindlebe, ukulawula abantu abaneengxaki ezinxulumene nomlinganiselo wokuva, ukusebenza njengeengcaphephe zobungqina kumangalelo.

UKHETHO LWEKHONDO LOMSEBENZI

Ukuba uyaphumelela kwimingeni kwaye ufuna ukunceda abantu ekuphuculeni umgangatho wobomi babo, joyina le misebenzi ikhula ngokukhawuleza kwezempilo ngenxa yokuphuhliswa kwezemfundo yobugcisa.

Sebenza kwizikolo zabasaqalayo, ezikolweni, ezikolweni ezineemfuno ezikhethekileyo, izibhedlele, amaziko ovuselelo, kwiikliniki zasekuhlaleni okanye kwimisebenzi yabucala. Qhuba uphando malunga nokuva kunye nenkqubo yomlinganiselo wokuva.



**Fumana iinkcukacha ezithe vetshe
malunga nesidanga seminyaka emi-4
se-BSC kwi-Audiology**

**Tsalela umnxeba ku: 021 406 6634
imeyile: fhs-ug-admiss@uct.ac.za**



UNIVERSITY OF CAPE TOWN
IYUNIVESITHI YASEKAPA • UNIVERSITEIT VAN KAAPSTAD



FACULTY OF HEALTH SCIENCES
UNIVERSITY OF CAPE TOWN

ufuna ukuxhobisa abntu ngentetho, ulwimi, unxibelelwano neengxaki zokuginya?

I-Speech Language Pathology (inzululwazi ngezifo zokungakwazi ukuthetha) ingaba likhondo lomsebenzi kuwe



**Fumana iinkcukacha ezithe vetshe
malunga nesidanga seminyaka emi-4
se-BSC kwi-Speech Language Pathology**

**Tsalela umnxeba ku: 021 406 6634
imeyile: fhs-ug-admiss@uct.ac.za**

Lo msebenzi uvavanya kwaye ulawula intetho, ulwimi, unxibelelwano neengxaki zokuginya kubantu abadala nakubantwana. Uza:

- kunceda abo banobunzima bokuvelisa intetho, ukungabinakho ukufunda kakuhle, iingxaki zolwimi, abo bathintithayo, nabantwana abancinci abangenakho ukutya okanye ukuginya kakuhle, abantwana abazelwe benomlebe onomfanta/inyheke
- kunceda abantu abaala abanonxibelelwano olubuthathaka okanye ukuginya emva kokufa icala okanye ukulimala kwengqondo
- kuseka iinkqubo ezizezinye zonxibelelwano zabantu abangakwaziyo ukuthetha.

UKHETHO LWEKHONDO LOMSEBENZI

Sebenza kwizikolo zabasaqalayo, ezikolweni, kwizikolo ezineemfuno ezikhethekileyo, kwizibhedlele, kumaziko obuyiselo esimeni, kwiikliniki zasekuhlaleni okanye umsebenzi wabucala.




UNIVERSITY OF CAPE TOWN
IYUNIVESITHI YASEKAPA • UNIVERSITEIT VAN KAAPSTAD



FACULTY OF HEALTH SCIENCES
UNIVERSITY OF CAPE TOWN

uyakonwabela ukunceda abantu ekubeni bazixhobise ngokwabo?

I-Occupational Therapy (ukunyanga umguli ngokumnika umsebenzi omfaneleyo) ingaba likhondo lomsebenzi kuwe



Fumana iinkcukacha ezithe vetshe malunga nesidanga seminyaka emi-4 se-BSc kwi-Occupational Therapy

Tsalela umnxeba ku: 021 406 6634 imeyile: fhs-ug-admiss@uct.ac.za

Ngumsebenzi othi uncede abantu ukuzoyisela iingxaki abahlangana nazo zokuhlala ezithi zibavelele ngenxa yokugula ngenxa yokugula, ubuthathaka, ukhubazeko okanye iimkeko zentlalo.

Njengexalenye yeqela lokhathalelo lwempilo, uza kusebenza nabantu abathe baqubisana neqela lemingeni kwimpilo nakwintlalo, ukubanceda balungelane neemkeko zobomi bemihla ngemihla.

I-Occupational Therapy likhondo lomsebenzi eliquka iinkalo ezahlukeneyo zokusebenza – impilo ngokwengqondo, impilo ngokomzimba, uphuhliso lokufunda nokudlala kwabantwana, ukwenziwa komsebenzi kunye nophuhliso loluntu.

Ugqaliso lusekunikeni abantu amandla okuphuhlisa umgangatho wobomi babo

UKHETHO LWEKHONDO LOMSEBENZI

Unganegalelo kuwo onke amanqanaba okhathalelo lwempilo nophuhliso loluntu. Ii-Occupational Therapists zisebenza nomntu ngamnye, amaqela kunye noluntu, kwiindawo ezahlukeneyo ezinje ngezibhedlele, iikliniki, imibutho yabasebenzi, ushishino, izikolo, imisebenzi yabucala nemibutho karhulumente engenzi nzuzo.



UNIVERSITY OF CAPE TOWN
IYUNIVESITHI YASEKAPA • UNIVERSITEIT VAN KAAPSTAD



FACULTY OF HEALTH SCIENCES
UNIVERSITY OF CAPE TOWN